

Need an amazing tutor?

www.teachme2.com/matric



Collected and collated by

teachme2



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

2023

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha asi-6.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Isincoko (50)
ICANDELO B: Umhlathi omde (30)
ICANDELO C: Umhlathi omfutshane (20)
2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaLINYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A: Imizuzu engama-80
ICANDELO B: Imizuzu engama-40
ICANDELO C: Imizuzu engama-30
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

- | | | |
|-----|---|------|
| 1.1 | Yaba mnandi yonke loo mini | [50] |
| 1.2 | Iindlela zokusebenzisa itekhnoloji ikungenisele imali | [50] |
| 1.3 | Elam ingomso ... | [50] |
| 1.4 | Iithoyi ziyabatshintsha abantwana | [50] |
| 1.5 | Kuninzi umntu anokukufunda kwizilwanyana | [50] |

Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.6 okanye 1.7 okanye 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.


QAPHELA: Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.6

[Uthatyathwe ku: www.pinterest.com]

[50]

1.7



[Uthatyathwe ku: www.pinterest.com]

[50]

1.8



[Uthatyathwe ku: www.pinterest.com]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A:

50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 ILETA ESESIKWENI

Bhalela uManejala webhanki yakwaABSA ileta ucele uncendo lwesipho-mali sokuya kufunda eyunivesithi kunyaka ozayo ujonge kwisibhengezo esingezantsi.

ZUZA ISIPHO-MALI KWIBHANKI YAKWA-ABSA

Ibhanki yakwa ABSA ikhupha isipho-mali kubafundi bebanga le-12 abaneenjongo zokwenza izifundo zeelwimi zesiNtu nakweyiphi iyunivesithi kwezoMzantsi Afrika.

Gqwesa kwizifundo zeeLwimi zesiNtu
ngoncedo lwebhanki yabantu.

Okuyimfuneko kumfundi onomdla:

- Sisiqinisekiso sobumi baseMzantsi Afrika.
- Sisiqinisekiso sokuphumelela iMatriki.
- Kukuphumelela kwizinga lesi-7 kwisifundo seeLwimi zesiNtu.
- Ileta yokwamkelwa kwenye yeeyunivesithi zeli loMzantsi Afrika.

Thumela isicelo sakho: kuManejala, ABSA Bank, 145 Adderly Street, Cape Town, 7725

[30]**2.2 INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo phakathi komzali notitshala malunga nokunikwa kwabantwana umsebenzi wasekhaya.

[30]**2.3 I-IMEYILE**

Bhala i-imeyile eya kudade wenu okanye umntakwenu owonyulwe wanguSihlalo wekomiti yabafundi kwisikolo afunda kuso uvuyisane naye.

[30]**2.4 INQAKU LEPHEPHANDABA**

Bhala inqaku lephephandaba malunga nokungabikho kokhuseleko kwindawo ohlala kuyo.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 IPOWUSTA


Bhala ipowusta wazise ngetonamenti yezemidlalo phakathi kwezikolo ezaziwayo kwiphondo lakho.

[20]**3.2 UMYALEZO OMFUTSHANE KA-WHATSAPP**

Bhala umyalezo ka-WhatsApp njengekhapteni, oya kumalungu eqela lebhola olikhokeleyo malunga nentlanganiso ongazukuphumelela kuyo, uze unike nezizathu zoko.

[20]**3.3 IZALATHISI**

Bhala izalathisi zokubonisa umhlobo wakho ohamba ngeenyawo indlela esuka esikhululweni sebhasi eya esibhedlele. Landela iintolo ezisemephini.



[Ithatyathwe ku: www.googlemaps.com, yalungiselelwa uviwo.]

[20]**AMANQAKU ECANDELO C:****20****AMANQAKU EWONKE:****100**